WOH 386

UKUCONJULULWA KWEMBAMBANO- UKUNCAMA

EZOBOMI:UKUCONJULULWA KWENGXABANO

EZOMPHEFUMLO:AMADINI-INDLELA YOKUBUYELA KUTHIXO

UTHOTHO:UKUSUKELA EKUQALENI-ABANTU BAKATHIXO

ISIHLOKO ESIYINTLOKO:UNXULUMANO/UKUBA NABANYE

ISIHLOKWANA:UKUNXULUMANA NABANYE

ISIQULATHO SEZOBOMI:Ukucombulula iingxabano kudinga ukuba simamele,sibe nentlonipho,noqhagamshelwano olucacileyo

ISIQULATHO SEZOMPHEFUMLO:Inkqubo yokunikela yeTestamente Endala isikhomba kuYesu owathabatha isohlwayo sethu ukuze sibuyele kuThixo.

INGONGOMA SIFUNDO:Singangabahlobo noThixo kwakhona ngenxa kaYesu owazenza idini.

(Intshayelelo)

THANDOKAZI: Molo mphulaphuli,yinkqubo iAmanenekazi eThemba le.Nje ngesiqhelo sikuphathele iingcebiso,ndinguThandokazi noThembelihle ukhona.Namhlanje siza kushukuxa umba weengxabano nendlela yokuzicombulula.

THEMBELIHLE: Molo mphulaphuli,ndinguThembelihle.Thando,uyivile laa ngxokolo ebivakala kakhulu ivela esitalatweni ngoku singenayo?

THANDOKAZI: Ndiyivile…Ndicinga ukuba ibingabamelwana bexabana ngokuba ngabantwana bakabani phakathi kwabo abangcolise isitalato.Engako yona ingxolo.

THEMBELIHLE: Ndiyithiyile ingxwabangxwaba,iyandothusa mna.Ukumamela nje abantu ababini bengaboni ngaso linye,kuyandidakumbisa.

THANDOKAZI: Asikwazi ukuziphepha ebomini ezo zinto.Ubona njani wena?

THEMBELIHLE: Hayi asikwazi…hee unawo mhlawumbi amacebo okuzama ukulungisa izinto xa kukho ingxabano ethile okanye ukungavumelani?

THANDOKAZI: Mandithi nje,kuyaxhomekeka uthetha ngantoni na xa usithi ‘ukulungisa izinto’.Utsho ukwenza izinto ngohlobo ofuna ngalo na?

THEMBELIHLE: Ewe,ndiyacinga ukuba maxa wambi loo not ithetha ukuba umntu sukuba efuna izinto zihambe ngohlobo lwakhe.(ehleka)Kodwa ke ebunyanisweni ndicinga ukuba eyona ntsingiselo kukuba nibe **‘ngabahlobo kwakhona’**.

THANDOKAZI: Yazi,ndikholelwa ekubeni ukuba besinokuzifundisa,siziqhelise ukusebenzisa amagama nje amabini…’ndicela uxolo’ ukungonwabi nokugrwengxulana kungaphunguka ebomini bethu ngokubanzi.Ndisoloko ndikhangela izizathu zokuzigweba nokugxeka omnye,endaweni yokuba ndivume impazamo yam ndicele uxolo.Kukho futhi namanye amabini amagama akwabalulekile esinokuwasebenzisa rhoqo**..’mna ndikuxolele’**.Ukuxolela ayikokuzilandulela,okanye into engenamsebenzi .Kukwenza isigqibo sokubeka ingxabano emva,ungenzi omnye abulaleke.Ukufunda ukuthetha ezi zinto zimbini kunganceda ucombulule iingxabano nakoluphi na unxulumano.

THEMBELIHLE: Ndicinga ukuba kumele sonke siziqhelise ukucela uxolo,sixolele,kuba sonke siyazenza iimpazamo,sihlungisane,akunjalo?Noba siyathandana na kakade.

THANDOKAZI: Yinyaniso emsulwa leyo!Amaxesha amaninzi sizifumanisa sinobutyala,kodwa sizame ukuzikhupha ngokumemeza,sense amayeyeye okanye sibethe.Oku kungayinqumamisa ingxabano okomzuzwana,kodwa akungeze kulungise unxulumano.

THEMBELIHLE: Hayi tu ke,izinto zingabaxeka…ungade uzibone ufuna ukulungisa izinto ngokungxama.

Ikhefu lomculo.

THEMBELIHLE:Besithetha ngendlela esinokulunigsa ngayo iingxabano kunxulumano lwethu.Sitshilo ukuba kubalulekile ukucela uxolo xa wenze imposiso,nokuxolela xa omnye ekukhubile.Ngamanye amaxesha kuyafuneka sikhethe into ebalulekileyo kule mbambano sikuyo.Kukhe kubekho ingxaki ebonakalayo kuphela ema ilungiswe,singade sizixakekise ngokwakha unxulumano.

THANDOKAZI: Unyanisile.Ndinomzekelo wemini endathenga ingxowa yerayisi kanti izele qhu iingqokoqhwane.Ukuba wawuzibonile zinyuquza ziphumela ngaphandle.Ndothuka kanobom.Ndath'ukuyibopha ingxowa yakhona ngokukhawuleza!Ndayibuyisela evenkileni ndicela ukuba bandinike enye entsha,ecocekileyo.Ndiyakrokra futhi ukuba inokuba uNovenkile wayesazi ukuba ingxowa leyo inengxaki,kuba wayithatha kufuphi emva kwakhe hayi ngasemva apho zibekwa khona,wayelindele ukuba ndiza kuyibuyisa.Ndandingenamdla wokumxoxisa okanye ndohlobane naye uNovenkile-ndini,ndandizifunela nje irayisi yam ecocekileyo nendiyibhataleleyo qha.

THEMBELIHLE: Wenza njani ke?

THANDOKAZI: Ndafika ndacela umphathi,ndambonisa irayisi nerisithi.Ndamxelela ukuba ndithenga ukutya njalo evenkileni yabo kodwa namhlanje ndidanile ukufumana lo mhlola werayisi,kwaye ndilindele ukuba andinike irayisi eyiyo ngalo mzuzu kuphela.

THEMBELIHLE: Zange ufihle makhuba kuye,nenekazi hee! Kwathini emva koko?

THANDOKAZI: Wayengonwabanga kwaphela,nje ngokuba kwakulindelekile,waqala ke wacacisa into engavakaliyo yokuba kungenzeka mhlawumbi yaba manzi irayisi yakhona elugcinweni.Kodwa ke ekugqibeleni wandinika ingxowa entsha yerayisi,kuba nam ndatsho elubala ukuba irayisi yabo ngumdlungu.

THEMBELIHLE: Kulungile ke…. Eyona not ibalulekileyo yayikukufumana into owawuyifuna-irayisi ecocekileyo oyihlawuleleyo.

THANDOKAZI: Nje ke.Okulandelayo,ewe ke phofu ndandifuna nokubonakalisa ukuba ndinentlonipho.Ndandingafuni ukuhamba ndineentloni zokuba ndiye ndakrwada kuye naxa sendibuyiselwe irayisi elungileyo.

THEMBELIHLE: Ndiyakuva.Utheth'uba kuyafuneka ukuba xa ulwela amalungelo akho uziphathe kakuhle.kubalelekile oko?Kodwa ke xa ungavumelani ngento nomntu osondelelyo kuwe wenza njani?Kuba kaloku inobunzima imeko enjalo.Kungabaluleka ngakumbi ukuba ubudlelane Phakathi kwenu ubugcine kakuhle. Kodwa ke ngaba oko kuthetha ukuba zinikezele nje,wenze into efunwa ngomnye umntu kuba ufuna ukugcina uxolo?

THANDOKAZI: Ucinga ntoni? Hmmmm…?Ukuba usoloko unikezela,ngaba oko kungenza unxulumano olulungileyo na ekuhambeni kwexesha?Ngaba bubuhlobo obulungileyo- okanye umtshato olungileyo-ukuba elinye iqabane lisoloko lisenza izinto ngentando yalo?

THEMBELIHLE: Akukho buchule apho.Kuba kaloku izinto azilinganiswa okanye zifaneleke zibe nobulungisa.Akunakubakho kuhloniphana na ebantwini?

THANDOKAZI: Kufanele wenze ntoni ke?

THEMBELIHLE:Makhe siyicinge le nto…Thandokazi singabahlobo,kodwa masithi wena nam sinento esingaboni ngeliso elinye…ingayintoni bethu-mhlawumbi kukuba ngubani oma kenze iti ngeveki.Mhlawumbi ndikubona nje ngomntu owonqenayo,osoloko efuna ibe ndim owenza iti(bahleke)

THANDOKAZI: Okanye mna ndifuna uyenze,kuba ndisithi nguwe omncinane.

THEMBELIHLE: Elona nyathelo libalulekileyo kukuthetha ngayo into eningavisisaniyo ngayo,nimamelane.Fumanisa ukuba omnye umntu lo ufuna ntoni na,nokokuba kutheni na oko kubalulekile kuye.Mxelele ukuba uyaqondisisa kwaye umvile.

THANDOKAZI: Masenze ngathi siyaxabana nyhani ngalo mcimbi weti.Yenza ngathi ndiyakucaphukisa nyhani.

THEMBELIHLE: Kulungile ,masenze njalo,sibone ukuba kungenzeka ntoni. “Thando,ndikruqukile kukuba ibe ndim owenzela thina sobabini iti.Kutheni wena ungasoze usenzele?Ucinga ukuba ndisisicaka sakho kakade?”

THANDOKAZI: “Oh… uvakala ngathi udikiwe nyhani kukuba andifane ndiyenze iti”

THEMBELIHLE: “Nangoku ndenele-ndiyacunuka.Kutheni ungayenzi eyakho indawo?”

THANDOKAZI: “Thembelihle,ndicela uxolo wethu.Bendicinga ukuba uyakuthanda ukwenza iti.Lonke eli xesha bendicinga ukuba sukuba ufuna isizathu sokukhe usuke edesikeni yakho…ngoku ke ndade ndaqhela ukukuyekela kuyo.Bendizibuza ukuba kutheni ngathi awusenabubele kum,kutsha nje?”

THEMBELIHLE: “Oh…uqaphele ukuba oku kwenza iti rhoqo bekuyingxaki kum…Ngoku wena kukuvisa ubuhlungu ukubanda kwam kuwe?”

THANDOKAZI: “Kulungile…Kuyabonakala ukuba ngoku siyaqondana.Kodwa kusafuneka sigqibe ukuba ngubani nyhani omakenze iti.Kumele sithethe ngeendlela ezifikelelekayo zokucombulula le ngxaki”.

THEMBELIHLE: “Ikho ke noko nto enye esivumelana ngayo-siyafuna kona ukuyiphunga iti! Kulungile”.

THANDOKAZI: “Mhlawumbi kunganceda ukuba ndithi enkosi… ukuze wazi ukuba andilindelanga ukuba usuke nje undenzele”.

THEMBELIHLE: “Okanye ucinge nje ukusenzela ngamanye amaxesha-okanye usiphathele ikeyiki okanye amaqebengwana silumele!(bahleke)akundikhathazi ukwenza iti,qha bendingafuni ukuziva ngathi wena ulindele ukuba ndiyenze lonke ixesha.”

THANDOKAZI: Besizenzisa nje mphulaphuli,kodwa ke kubonakalisile iimpawu ezibalulekileyo: Ukumamela kakuhle ngaphandle kokuphazamiseka,ude uqondisise ukuba omnye umntu lo uziva njani.

THEMBELIHLE: Ukuze ubonakalise ukuba uyaqonda,ngokuthatha iingcingane nemivakalelo yabo uyiguqulele emazwini akho.Uqaphele ukuba uThandokazi wenze ntoni xa bendimxelela ukuba ndikruqukile? Uthe ‘O..uvakala ngathi nyhani udikiwe kuba andiyenzi iti’

THANDOKAZI: Ndenze kakuhle ngokungaphendulani nawe… loo nto ngeyiqale ingxabano.

THEMBELIHLE: Senze kakuhle kuba simamelene sangazami sangazigqibeli ukuba ngubani owenza okulungileyo okanye okugwenxa.

THANDOKAZI: Maxa wambi kufuneka ucinge ngalo udaba lokungavisisani uwedwa,uzame ukufumana izizathu ezinokuba zikhokhela ekubeni omnye akutyhole ngolo hlobo.

THEMBELIHLE: Kwakhona cinga ngento oyenzayo nawe eyenza impikiswano ingapheli.Ungothuka kanti! Kweli balana besilidlala,ndimangaliswe kukuba sihleli nje uThandokazi ebehlutshwa kukubanda kwam ngakuye-bendicinga ukuba nguye ohlaba amadlala.

THANDOKAZI: Enye into elungileyo ibikukufumanisa into esingqinelana ngayo… nokusebenzisana kunye ngendlela yokuyilungisa ukuhlangabeza iimfuno zethu sobabini.Sithanda ukuyibiza lo meko ‘zindala zombini’…oko kuthetha ukuba siphumelele ngokufanayo sobabini! Ibalulekile ke loo nto… ukuzazi ukuba nimi cala nye nobabini,nisebenzisana ekubeni nicombulule izinto ebezinokwenzakalisa unxulumano lwenu.

THEMBELIHLE: Xa kukho into ekucaphukisayo ndicinga ukuba kulungile ukulinda kancinane ngamanye amaxesha,uphefumle nzulu amathuba ambalwa,de ube nenzolo.Uze ke ngoku uzikise ukucinga ngayo,endaweni yokuba uzifumane uthetha amazwi ongenakuwaginya,kuba kaloku awabuyeli emva xa sele uwakhuphile.

THANDOKAZI:(Ehleka)Ndiba namaxesha ndinqwenele ukuwabuyisela, wena? Okuya sasingabantwana umama wam wayethanda ukucaphula le vesi eBhayibhileni,…’Enze msinya ukuva… enze kade ukuthetha..enze kade ukuqumba(ekaYakobi1:19)

THEMBELIHLE: Oko kungahlangula iingxabano ezininzi.MAsizame ukuzifundisa ngayo kunye.Kanene iqala njani yonke le nto Thandokazi”

THANDOKAZI: Enza msinya ukumamela

THEMBELIHLE: Enza kade ukuthetha.

THANDOKAZI: Enza kade ukuqumba

THEMBELIHLE: Intle loo nto! Kuba kulula ukungamameli..uvele nje umntu athethe into efika kuqala engqondweni nokuba asuke acaphuke nje angakhange azidube ngokucinga.Masive ukuba uThixo wenza ntonina xa wayenengxabano nabantu bakhe abathandayo.Libali elothusayo eli

UMCULO

Ingxabano okanye uxambuliswano lungakhokhelela ekuqhawukeni konxibelelwano njenga kweli bali.UThandeka ongumakoti okanye umolokazana ka Sizakele, uye wangabonisani ngasonye nomamazala wakhe uSizakele ngenxa yemali athe unyana ka Sizakele wayinika unina.Nangona ebedlulile kumakoti,kuba esithi nowakhe umama umele afumane imali noxa engayidingi.Le nto yakhokhela ekubeni umolokazana angayi emzini wakhe,equmbe esisifu.Kwaye kwafuneka oonozaku-zaku bangenelele,yayinto enkulu,ngento enokusombululeka Phakathi kosapho.Ingxabano,ukuxabana nokungavisisani ngamanye amaxesha amaninizi kuqala entweni encinci kodwa ngamanye amaxesha asiyazi intsusa.Abantu xa bengavani sukuba kukho into abangayiqondiyo omnye komnye.Endaweni yokuba bathethe bavisisane suka omnye abe nomsindo nje.Omnye ngokungaqondi athule okanye naye abe nomsindo ogqithisileyo .Kanti indlela yokusombulula into ekuxakileyo kukuthetha ngayo.Ingulowo akhulule intliziyo yakhe athethe.Xa yonke into iselubala kulula ukubona indlela eya phambili.

Kuba ngoku nitsho nibone apho niyiphose khona.Ngokukhulula iintliziyo zenu nokuthetha ukuba omnye uthetha okusentliziyweni niyakwazi ukusombulula okuhluphayo.Emva koko nitsho nikwazi ukuthetha kakuhle ningaxambulisani,njengaphambili.

THEMBELIHLE: Besisoloko sixoxa ngendlela yokucombulula ingxabano apha enkqubeni.Ngoku siza kuva ukuba uThixo wenza ntoni ukuze sibe ngabahlobo bakhe.Masilive ibali ngokubhaliweyo eBhayibhileni.Kazi wawukhona na xa sasimamele ibali lakudala elimalunga nokukhululwa kwabantu bakaThixo ebukhobokeni.Wabakhokela ukusukela eYiphutha bade bafika entlango,waza wabanika imithetho yakhe elungileyo yokubanceda baphile ngokulungileyo,ubomi obuhle.

THANDOKAZI: Ewe,seva nokuba bohluleka ukuyigcina loo mithetho,nyhani nyhani,nje ngokuba nathi sisenza kule mihla yokuphila kwethu.

THEMBELIHLE: Ndizama ukuzibona ndingumSirayeli olibhinqa kwezo nkulungwane zabantu abayimiqodi ehamba ixesha elide entlango. Uphuma eYiphutha apho ubusisigqila sekhoboka khona,usendleleni eya kwilizwe elithenjisiweyo nguThixo ukuba ulinika wena.Kha ufane ucinge xa unokuhlala nosapho lwakho ententeni,usuka kuyo qho ukhangela amanzi nokutya entlango,uzama ukufundisa abantwana bakho nokugcina izinto nendawo ohlala kuyo icocekile nokwakha ubuhlobo nabanye oseluhambeni nabo.Uyafunda okulungileyo nokugwenxa emehlweni kaThixo.Wenza iimpazamo ezininzi..ngamanye amaxesha wenziwa kukungaqiniseki nganto,ngamanye futhi sukube ukwenza okungalungileyo ungazanga.Kanti ke ngamanye amaxesha uyayazi into elungileyo kodwa ukhethe le ingalungileyo ngabom.

THANDOKAZI: Ngathi ndim… Ngaba nawe uyazibona ukwesi simo?

THEMBELIHLE: Uyazi ukuba abantu bakho bakhe bangabonisani noThixo.Kodwa basoloko bengathobeli-umzekelo,bakha baqingqa umfanekiso wegolide bawenza isithixo baza basinqula?

THANDOKAZI: Ewe,yayimbi loo nto emva kokuba uThixo ebayalele ukuba bangabi nazithixo kuba nguye kuphela uThixo wenyaniso.

THEMBELIHLE: Nyhani.Ngoku ufanele ukuthini? Wena… izinto ezigwenxa,abantu bakho abamthobeli uThixo.uThixo yena uNgcwele,ufezekile.Uza njani phambi kobuso bakhe?Usithatha phi isibindi sokujongana naye? Ungaziva njani… Hmmm?

UThixo ke makakubonise indlela.Ngonyaka ngamnye umfundisi ophezulu kufuneka azise ixhama elililo kuThixo nje ngedini.Kufuneka enze ingxelo yezono zakhe kunye nezabantu aze amcele uThixo amxolele,abe nenceba kubo.Kufa izilwanyaa endaweni yabantu.

Naninina xa uneentloni zokungamthobeli uThixo,unokuzisa idini kuye.Le ingayindlela yokuthi ‘uxolo andifanelanga kuma phambi kobuso bakho ngokwam.Isohlwayo sakho sifanelekile.Ungalamkela nae li dini endaweni yokuba ibe ndim ojongana nesohlwayo sakho esiqatha?’

Kwakunganyanzelekanga ukuba ibe yinto enkulu elixabiso eliphezulu-mhlawumbi umgubo nje ongangesandla xa ulihlwempu-kodwa yayikumela.Ukuba wawuyenza lento ngokunyanisekileyo,ubonakalisa ukuzisola kwaye ufuna ukuguquka,uThixo uyakukwamkela,kuthando nakwimfesane yakhe.Ubuyela ententeni yakho wonwabile kuba uThixo ekuxolele.

THANDOKAZI: Ibingafana nendaba ezimnandi loo nto! Ndicinga ukuba ndandinokuziva ngcono.Kodwa ndiqaphele ukuba uthe, ‘Ukuba umntu wayekwenza oku enyanisekile’…Unokuba ubunokuzisa ezona zikhethekileyo izilwanyana futhi ungazisizeli,okanye mhlawumbi ufune nokujika ungabi saxolisa.

THEMBELIHLE: Yinyaniso leyo..kuba emva kwexesha uBawo wathetha okuthile mayelana nalo mcimbi ngemilomo yabaprofeti bakhe(Amos 5 noHoseya 6).Wayicacisa into yokuba wayethiye nevumba lambala leminikelo yabo ukuba babengenazinjongo ngayo,ukuba babesenza nje bengaqhutywa nto.Ukuba babezimisele ukuqhubeka nenkohlakalo..ukuxhaphaza amahlwempu..ukulalana okugwenxa… ukugcina izithixo emfihlakalweni… nokungananzi imithetho yakhe yokuphila ngokulungileyo.

Abantu babecinga ukuba bangamnyoba uThixo,kodwa babengafuni ukumkholisa nokumthobela.Babezigwagwisa ngokuba banikela kakhulu kodwa bengayikhathalelanga indlela ababeziphethe ngayo.UThixo wayengakholisekanga kwaphela!

Umprofeti uMika(6:6) wababuza wathi… **"Wokholiswa na uYehova ngamawaka eenkunzi zezimvu? Ndorhola owamazibulo na ngenxa yesikreqo sam? Uxelelwe,mntundini,okulungileyo;akubizayo uYehova kuwe,kukuthi wenze okusesikweni ,uthande inceba,uhambe noThixo wakho ngokuthozamileyo".**

Andiqondi ukuba uThixo wayefuna izilwanyana ezininzi kangaka ezifileyo.ucinga ntoni wena…hayi andiqondi noko ukuba kwakunjalo kuba wathi komnye wabaprofeti **… 'Ukuba bendilambile ,ucinga ukuba bendinokucela wena na ukuba undiphe ukutya?'** Akuhko mfuneko yokuba uThixo atye,wenza yonke into ke ngoko akadingi nto anokuyinikwa sithi.Kodwa ke ikho yona ayifunayo.Kodwa uyafuna ukubona ukuba siyazisola ngezikreqo zethu, nokuba siyazibona xa sense okungalungileyo.Kuba ngolo hlobo singasondela kuye,angasinceda asibonise indlela eyiyo yokuphila nokuziphatha kakuhle.

Xa ucinga mphulaphuli,ngaba imibingelelo namadini ayabucima ububi?iBhayibhile ithi akunakwenzeka ukuba igazi lesilwanyana lisuse izono(kumaHebhere 10:4).Zaziluphawu nje,umfanekiso wendlela uThixo wayeza kusilungiselela ngayo,njengoko wayehleli eplanile.

Yabona uYesu,uNyana kaThixo,wafika waphila ubomi obugqibeleleyo ehlabathini.Wayelidini elifezekileyo-wayengotyunjilwe ukuthabatha indawo yethu kuba wayengafanelanga ukohlwayelwa izono ezingezo zakhe.Kwaye wazincama kuba esithanda.Nawe ungeza kuThixo nje ngala mSirayelikazi uthi **'Andikufanelanga ukuma phambi kwakho;kodwa nceda undixolele;nceda yamkela idini awazenza lona uYesu ngenxa yam,endaweni yam'**.uBawo uthi isono sethu sihlanjululwe ngokupheleleyo,naphakade.Isazela nehlazo lethu lisulwe ngoku,sihlanjululwe.Akusekho mfuneko yamadini ngoku.

THANDOKAZI: Ndiyacinga ukuba nathi sifanele ukunyaniseka,nje ngomSirayelikazi lo.Ukuthetha nje amazwi sibe singazisoli nganto akunantsingiselo,xa singafuni uBawo asiguqule asincede siphile kakuhle ngokulungileyo.

THEMBELIHLE: Kunjalo Kanye.Xa unyanisekile ngento yokuba uThixo akuxolele,uyakuxolela.Mamela esi sithembiso ngokweLizwi likaThixo, **"Ukuba sithi sizivume izono zethu,uthembekile,ulilungisa,ukuba asixolele izono zethu,asihlambulule kuko konke ukungalungisi"(Yohane 1:9)**.

THANDOKAZI: Wow! Kuyamangalisa,andithi! Sifunde ntoni namhlanje ngoThixo?

THEMBELIHLE: Mna ndibona ngathi uThixo usoloko ebonisa indlela yokubuyisela abantu kuye kwaye usafuna ukuba sibe ngabahlobo bakhe.Ndiyayivuyela ke leyo into!Sifikeleel ekupheleni kwenkqubo yethu.Uncedile uphulaphule,singathanda ukuva kuwe naninina,nangantoni.

THANDOKAZI: Sala kakuhle mphulaphuli,uThixo akusikelele!